



Just good parenting!

Sharing books with your children gives you the opportunity to build a strong and loving bond with them while also helping to develop the literacy skills that are so important for their success at school.

Reading helps to open your children's eyes, hearts and minds to other people and to different situations. And, when you read to them, you help to establish reading as something they will continue to do for pleasure throughout their lives. So really, reading to your children is just good parenting!

Here are some tips for sharing books with your children, no matter what their age.

- Invite your children to read with you for at least 15 minutes every day.
- Find somewhere quiet and comfortable to read. Beds and couches make good indoor reading places. Turn off the radio, TV and computer.
- Ask your child to choose a book for you to read together. This shows that you care about what they think and they are more likely to engage with a book that they have chosen themselves!
- Sit close together and encourage your child to hold the book themselves

or to help you do this. Younger children enjoy turning the pages. Invite older readers to read the words of one of the characters or a paragraph or two of the story.

- Try different things to make stories come alive! Use different voices for different characters. Read softly in quiet, gentle parts of a story. Read quickly if a

character is in a hurry, or is being chased. Read in a big, booming voice for loud noises in the story.

- Talk about the story together. Encourage your children to share their opinions of the ways in which the characters in the story behave and the choices they make. Develop your children's prediction skills by asking, "What do you think is going to happen next?" at different points in the story.
- If the book has illustrations, enjoy looking closely at them together. Comment on things you notice and like in the illustrations and encourage your children to do the same.

- But, most of all, simply enjoy sharing different books together. Relax and do whatever it takes to make these times fun for all of you.

For more ideas about how to get and keep children reading, visit "Tips and Topics" on www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.



Ukuba ngumzali olungileyo!

Ukwabelana ngeencwadi nabantwana bakho kukunika ithuba lokwakha ubudlelwane obomeleleyo nobunothando kunye nabo, lo gama ubanceda ukuba baphuhlise izakhono zabo zelitheresi, ezibaluleke kakhulu kwimpumelelo yabo esikolweni.

Ukufunda kunceda ukuvula amehlo, iintliziyo neengqondo zabantwana bakho ngokuphathelelene nabanye abantu neemeko ezohlukileyo. Kwaye, naxa ubafundela, unceda ukuseka ukufunda njengento abaza kuqhubeka beyenzela ukuzonwabisa ubomi babo bonke. Ngoko ke, ukufundela abantwana bakho kukuba ngumzali nje olungileyo!

Nazi ezinye iingcebiso zokwabelana ngeencwadi nabantwana bakho, nokuba bangakanani na ngokobudala.

- Mema abantwana bakho ukuba bafunde kunye nawe ubuncinane imizuzu eli-15 yonke imihla.
- Fumana indawo ezolileyo nekufundeka kamnandi kuyo. libhedhi neesofa zenza iindawo ezilungileyo

zokufunda zangaphakathi endlwini. Cima unomathotholo, umabonwakude nekhompyutha.

- Cela umntwana wakho akhethe incwadi enizakuyifunda nobabini. Oku kubonisa ukuba ukukhathalele abakucingayo kwaye baza kubonakalisa umdla kakhulu kwincwadi abazikhethela yona ngokwabo!
- Hlalani nisondelelane uze ukhuthaze umntwana wakho ukuba ayibambe ngokwakhe incwadi okanye niambisane. Abantwana abancinane bayakonwabela ukutyhila amaphepha. Mema abafundi abadala ukuba bafunde amagama athethwa ngomnye wabalinganiswa okanye umhlathi omnye okanye emibini ebalini.
- Zama izinto ezahlukileyo ukwenza ibali linike umdla! Sebenzisa amazwi abonakalisa abalinganiswa abohlukileyo. Fundela ezantsi kwiindawo ezizolileyo nezibonakalisa ububele nobulali zebali. Funda ngokukhawuleza ukuba umlinganiswa ungxamile, okanye uyaleqwa. Funda ngelizwi elikhulu, elingqokolayo xa ulinganisa iingxolo ezisebalini.
- Ncokolani ngebali ninonke. Khuthaza abantwana

bakho bavakalise izimvo zabo malunga nendlela abalinganiswa abaziphethe ngayo ebalini kunye nezinto abakhetha ukuzenza. Phuhlisa izakhono zabantwana bakho zokuxela kwangex' engaphambili, ngokubabuza uthi, "Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koku?" kwiindawo ezohlukileyo apha ebalini.

- Ukuba incwadi inemifanekiso, yonwabelani ukuyibuka, niyiphonononge ninonke. Yenza amagqabantshintshi ngezinto oziqaphelayo nozithandayo ngomfanekiso, uze ukhuthaze abantwana bakho ukuba benze njalo nabo.
- Kuko konke, okona kubalulekileyo kukonwabela ukwabelana ngeencwadi ezohlukileyo ninonke. Phumla, uzole, uzame konke onakho ukwenza la maxesha abe ngamaxesha olonwabo kuni nonke.

Ukuze ufumane ezinye iingcebiso malunga nokukhuthaza nokugcina abantwana befunda, ndwendwela icandelo lethu eliithi "Tips and Topics" ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



Drive your
imagination

Read to me. Again! Again!

Ndifundele.
Phindaphinda! Ungadinwa!





Drive your imagination



Story stars Sparking an interest in reading

John Jansen has been a member of the Gonubie Rotary Club for 15 years. He runs the community services section of the club, which focuses on using literacy to develop communities. We spoke to him about the work that this Rotary Club does.

Why is literacy important?

Being able to read broadens your horizons and enables you to study. A story can be the spark that starts that process. If people are able to read, and can understand what they are reading, then they can learn and develop.

How has the Gonubie Rotary Club promoted literacy?

We provided a library for the new high school in Gonubie. We have run literacy classes for adults and given solar reading lamps to children who want to read or study, but have no electricity.

Why is reading for enjoyment important?

When children read for pleasure, they read for self-interest and to satisfy their curiosity. This broadens their minds and their outlook on life. It also builds their self-confidence.

Who read you your first stories?

My mother always read to me. My love of reading was sparked by the books in the *Hardy Boys* series – I owned every one. Today, one of my favourite books to read to children is *Treasure Island* by R.L. Stevenson.

How has Nal'ibali made a difference?

The free Nal'ibali reading-for-enjoyment supplement is a big help because most reading resources cost money. When we first discovered the supplement in the *Daily Dispatch*, we chose just rural schools to distribute the supplements to. This has spread to include schools for children with special needs. Every two weeks two of us will do the rounds – we deliver 400 Nal'ibali supplements to six schools. Up to date, we have handed out about 16 000 copies of the Nal'ibali supplement!

What do children seem to enjoy most about the Nal'ibali supplement?

They love cutting out and making their own books to keep each week.

What advice do you have for adults about reading to children?

If you feel uncomfortable reading to children, then rather tell stories, such as folk tales, or use wordless picture books as a guide to make up stories. This will spark your children's interest in stories and encourage them to learn to read.



Pic: Daily Dispatch

John Jansen

Iimbalasane zamabali Ukuvuselela umdla ekufundeni

UJohn Jansen ube lilungu leGonubie Rotary Club iminyaka eli-15. Wongamele icandelo leenkonzozoluntu leklabhu, eligxininisa ekusebenziseni ilitheresi ukuphuhlisa uluntu. Sincokole naye malunga nomsebenzi owenziwa yiRotary Club.

Kutheni ilitheresi ibalulekile?

Ukwazi ukufunda kwenza banzi imida yakho kwaye kwenza ukwazi ukuqhubela phambili ngemfundo. Iballi lingayintlantsi ephembelela olo hambu. Ukuba abantu bayakwazi ukufunda, kwaye bayakwazi ukukuqonda oko bakufundayo, bangafunda ngempumelelo kwaye baphuhliseke.

Ingaba iGonubie Rotary Club iyixhase njani ilitheresi?

Sibonelele isikolo samabanga aphakamileyo saseGonubie ngethala leencwadi. Siqhuba izifundo zelizitheresi zabadala kwaye sinikezele ngezibane zokufunda ezisebenza ngephahlothi lelanga ebantwaneni abafuna ukufunda kodwa bengenawo umbane.

Kutheni kubalulekile ukufundela ukuzonwabisa?

Xa abantwana befundela ukuzonwabisa, bafunda izinto abanomdla kuzo kwaye bonelisa iimfuno zabo zokufuna ulwazi. Oku kuvula iingqondo zabo nendlela abazijonga ngayo izinto ebomini. Kananjalo oko kukhulisa nokuzithemba kwabo.

Ngubani owakufundela amabali akho okuqala?

Umama wam wayesoloko endifundela. Uthando lwam lokufunda lwantumekwa ziincwadi ezikuthotho lwe*Hardy Boys* – ndandinazo

zonke iincwadi zolu thotho. Namhlanje, enye yezona ncwadi endithanda ukuzifundela abantwana yincwadi esihloko sithi, *Treasure Island* ebhalwe nguR.L. Stevenson.

Ingaba uNal'ibali uwenze njani umahluko?

Uhlelo lwasimahla lweNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa lunceda kakhulu kuba uninzi lwezixhobo zokufunda luxabisa imali eninzi. Ukuqala kwethu ukulubona uhlelo kwi*Daily Dispatch*, sakhetha ukuluhambisa kwizikolo zasemaphandleni nje kuphela. Oku kunwenwe, kwaquka izikolo zabantwana abaneemfuno ezikhethekileyo. Rhoqo kwiveki yesibini ababini kuthi bayajikeleza – behambisa iikopi zohlelo lweNal'ibali ezingama-400 kwizikolo ezithandathu. Ukuza kuthi ga namhlanje, inokuba sesihambise iikopi ezingama-16 000 zohlelo lweNal'ibali!

Yintoni eyona nto abantwana ababonakala beyonwabelayo ngohlelo lweNal'ibali?

Bayakuthanda ukusika bazenzele iincwadana ezincinane zabo ukuze bazigcine veke neveki.

Lithini icebo onokulinika abazali malunga nokufundela abantwana?

Ukuba uyiva ingahambisani nawe into yokufundela abantwana, kungcono ubalise amabali, afana neentsomi, okanye usebenzise iincwadi zemifanekiso nezingenamagama, njengezikhokelo zokuqamba amabali. Oku kuya kuvuselela umdla wabantwana bakho kumabali kwaye kubakhuthaze ukuba bafunde ukufunda.

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured **Story Stars** will receive meal vouchers* courtesy of **Wimpy** to enjoy with the children in whose lives they are making a difference.

* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars.



Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, **iimbalasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya* ezizunikwa ngembeko nangoncedo lwabakwa**Wimpy** ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo.

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars.

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.


SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



Lathi xa lifika ekhaya iqwarhashe elincinane, amanye amaqwarhashe abe esithela ngemithi ngokwesiqhelo. "Ukunyamezela njani ukuhlala elangeni?" abuza. "Imigca yam iyandikhuselela!" latsho ngokuzingca. Amanye amaqwarhashe nawo ayeiyifuna imigca, kodwa athi xa ebuza ukuba angayifumana phi na, iqwarhashe elincinane alatsho ukwaxela. "Yimfihlo yam ke leyo!" latsho lihleka.



When the little zebra arrived home, the other zebras were sheltering under the trees as usual. "How can you bear to stay out in the sun?" they asked. "My stripes protect me!" he said proudly. The other zebras wanted some stripes too, but when they asked where to get them from, the little zebra refused to tell. "That's my secret!" he laughed.



Joyfully he galloped down the mountain. Though the sun was hot, it didn't burn him. Livuya, laqhupha ukhula intaba. Nangona ilanga lalishushu, zange lilitshise.

This story of how zebras got their stripes was inspired by the animated feature film, *Khumba*.

Life is not all black and white for Khumba, a young zebra born with only half his stripes, who is rejected by his superstitious herd and blamed for a sudden drought affecting the land.

Teaming up with a sassy wildebeest and a flamboyant ostrich, Khumba sets out on a daring mission across the Karoo desert to find the legendary waterhole where the first zebras got their stripes. Along the way he meets a host of colourful characters, but before he can reunite with his herd, Khumba will have to come face to face with a menacing leopard in an epic battle to earn his stripes.

Half a zebra, a whole lot of adventure!

www.khumbamovie.com

SEE *KHUMBA* IN CINEMAS IN 3D IN ENGLISH OR AFRIKAANS FROM 25 OCTOBER 2013!




HOW THE ZEBRAS GOT THEIR STRIPES

AYIFUMANA NJANI IMIGCA YAWO AMAQWARHASHE

Anthony Silverston
Raffaella Delle Donne
Daniel Clarke



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Lithe ke nalo iqwarhashe elincinane langena emanzini, laza lathi ukuphuma kwalo, isikhumba emnyama emihle!



So the little zebra stepped into the water, and when he came out, his pale skin was covered in wonderful black stripes!



The zebras were disappointed. For some days, they stayed away from the little zebra. At first, he was too busy grazing in the hot sun to care, but after a few days, he started missing his herd. Amaqwarhashe adana kakhulu. Okweentsukwana ezimbalela, ahambelela kude kwiqwarhashe elincinane. Ekuqaleni, lalixakelile lizityela ingca kulo ngqatsini yelanga lingakhatthali, kodwa emva kweentsuku ezimbalela, laqala laziva lincinane kwakhezi lawukhumbula umhlambi wakowalo.



Long, long ago, zebras had no stripes at all. They were so pale that they had to shelter from the fiery Karoo sun at midday. All the zebras were happy, except for one.

“Mama,” he complained, “why are we all the same? I wish I looked different!”

The zebra’s mother smiled. “We may all *look* alike,” she said, “but we’re all different – on the inside.”

Kudaladala, amaqwarhashe ayengenamigca tu. Ayemhlophe we kangangokuba kwakufuneka ahlale emthunzini kuloo nqatsini yelanga leKaroo xa kusemini emaqanda. Onke amaqwarhashe ayezonzabele ngaphandle kwelinye nje kuphela kuwo.

“Mama,” likhalaze latsho, “kutheni *sifana* sonke? Akwaba mna bendohlukile!”

Umama weqwarhashe wancuma. “*Singakhangeleka* sifana sonke,” watsho, “kodwa sonke sohlukile – ngaphakathi.”



“The funny thing is ...” the little zebra said with a smile, “we’re all different now!”

And he was right too – all zebras have stripes, but no two zebra skins are ever exactly the same!

“Into emangalisayo yeyokuba ...” latsho iqwarhashe elincinane lincumile, “sonke ngoku sahlukile!”

Kunjalo nje lalinyanisile – onke amaqwarhashe anemigca, kodwa akukho nalinye iqwarhashe elinesikhumba esifana nqwa nelinye!

“Ndicela uxolo,” latsho iqwarhashe elincinane lakwufumana umhlambi. “Bendicinga ukuba kuza kubamnandi ukuba ibe ndim ndodwa onemigca, kodwa ndiphazamile. Ukuba niyandilandela, ndiza kunikhombisa ukuba ndiyifumene phi na le migca.”




“I’m sorry,” the little zebra said when he found them. “I thought it was fun to be the only one with stripes, but I was wrong. If you follow me, I’ll show you where I got them.”

“I’m very proud of you,” said the little zebra’s mother. “You could have kept the waterhole to yourself, but you chose to help us all. I always knew you were different.”

“Ndiyazingca ngawe,” watsho umama weqwarhashe elincinane. “Ubunokuligcina lisaziwa nguwe wedwa eli qula, kodwa ukhethe ukuba usincede sonke. Bendisoloko ndisazi ukuba wohlukile.”



Emva kwexesha elide, latika emqolombeni laza langena ngobulumko. Phakathi emqolombeni, latumana iqula. “Ngena,” aba ngathi ayalibiza atsho loo manzi amdaka. “Ngena!”



After a long time, he reached a cave and cautiously went inside. Deep inside the cave, he found a waterhole. “Come in,” the dark water seemed to be saying. “Come in!”

“That isn’t good enough!” said the little zebra crossly. “I want to be different on the outside too, where everybody can see!”

So, he tried to look different. He rolled in acacia sap, and then stuck leaves onto himself, but he just looked silly and the other zebras laughed at him.

“Okokwanelanga tu!” latsho iqwarhashe elincinane liqumbile. “Ndifuna ukohluka nangaphandle, kwindawo wonke umntu akwaziyo ukuyibona!”

Ngoko ke, lazama ukukhangeleka lahlukile. Laziqikaqika kwincindi yomnga laza lancamathelisa amagqabi kulo, kodwa lakhangeleka ngokungathi alibhadlanga aze amanye amaqwarhashe alihleka.



He travelled for many days through the karoo veld, until he came to a high mountain. Up, up, up he climbed. Something about this place felt magical to him.

Lahamba iintsuku ezininzi licanda ithafa lekaroo, lade latika entabeni ephakamileyo. Lanyuka, lanyuka, lanyuka liqabela intaba. Kwaba ngathi kukho into engathi ngumlingo nelitsalayo kule ntaba.




The little zebra refused to give up. "Goodbye, Mama," he said one day. "I'm going to find a way to look different." And off he went.

Iqwarhashe elincinane alizange linikezele. "Sala kakuhle Mama," latsho ngenye imini. "Ndiza kuyifumana indlela yokuzenza ndikhangeleke ndahlukile." Latsho lisimka.

The little zebra led the herd across the veld and up, up the mountainside until they came to the cave with the waterhole. The herd followed him into the cave.

Iqwarhashe elincinane lawukhokela umhlambi ukucanda ithafa waza wanyuka, wanyuka, wanyuka uqabela intaba wade wafika emqolombeni onequla. Umhlambi walliandela wangena emqolombeni.



"Here it is," he said. "This is the magical waterhole that gives stripes."

One by one, the zebras swam in the magic waterhole. Soon they were all covered in beautiful stripes!

"Nali," latsho. "Nali eli qula lomlingo elinika imigca." Ngamanye ngamanye, amaqwarhashe aqubha kwelo qula lomlingo. Kwakamsinyana onke ahonjiswa ngemigca emihle!



Get story active!

With your children, enjoy reading the story *How zebras got their stripes*. Here are some ideas for you to try out before, during and after reading.



Before

- Let younger children take a quick look at the pictures and use them to predict or guess what the story is about.
- Encourage older children to read the title of the story. Ask them what they know about zebras, for example, what they look like, where they live and what they eat. Have they ever seen a zebra or a photograph of one?

During

- As you read, help develop children's prediction skills by asking, "What do you think will happen next?" after you have read pages 5 and 12.
- Look at some of the pictures more closely. Draw your children's attention to the details and talk about these together.
- If your children can already read, let them read the words spoken by the little Zebra.

After

- Let your children draw a picture that is inspired by the story and then write about their picture. You can help younger children by writing the words that they tell you.
- Do you or your children know other stories that explain why animals look the way they do? Share the stories you know and look for new ones together on the Internet and at the library. You can find two stories like this on the Nal'ibali website (www.nalibali.org) and mobisite (www.nalibali.mobi): *Squirrel and the sun* and *Haruki's tail*.

Yenza ibali linike umdla!

Ukanye nabantwana bakho, yonwabelani ukufunda ibali elishloko sithi, *Ayifumana njani imigca yawo amaqwarhashe*. Nazi ezinye iingcebiso onokuzizama phambi kokuba ufunde, xa ufunda okanye emva kokufunda.

Phambi kokuba ufunde

- Vumela abantwana abancinane bajonge emifanekisweni ixeshana nje elifutshane ze bayisebenzise ekuthekeleleni okanye ekuqasheleni ukuba lingantoni na ibali.
- Khuthaza abantwana abadala ukuba bafunde isihloko sebali. Babuze ukuba bazi ntoni na ngamaqwarhashe, umzekelo, akhangeleka njani, ahlala phi kwaye atya ntoni na. Ingaba bakhe balibona iqwarhashe okanye ifoto yalo kusini na?

Xa ufunda

- Njengokuba ufunda, nceda uphuhlise izakhono zabantwana zokuxela kwangex' engaphambili ngokubabuzwa wenjenje, emva kokufunda iphepha lesi-5 nele-12, "Nicinga ukuba yintoni eza kwenzeka elandelayo?"
- Jongisisani eminye yemifanekiso ngobunono. Khankanya okanye ukhombise abantwana iinkcukacha ezikule mifanekiso ze nithethe ngazo nonke.
- Ukuba abantwana bakho sele bekwazi ukufunda, bavumele bafunde amazwi athethwa liqwarhashe elincinane.

Emva kokufunda

- Vumela abantwana bazobe umfanekiso ophenjelelwe leli bali baze babhale malunga naloo mfanekiso wabo. Ungabanceda abantwana abancinane ngokubabhalela amazwi abakuxelela wona.
- Ingaba wena okanye abantwana bakho ninawo amanye amabali acacisa ngokuba kutheni izilwanyana ezithile zikhangeleka ngendlela ezikhangeleka ngayo? Yabelanani ngamabali eniwaziyo ze nikhangele amanye kwi-intanethi nakwithala leencwadi. Ungafumana amabali amabini afana neli kwiwebhusayithi yakwaNal'ibali (www.nalibali.org) nakwimobhisayithi (www.nalibali.mobi): *UNomatse neLanga* kunye nelithi, *UMsila kaHaruki*.



Win a trip to the movies!

To celebrate the release of *Khumba* in English and Afrikaans in 3D in cinemas on 25 October 2013, we're giving away movie tickets! Simply SMS your name and the name of the movie to 32545 or email these details to letters@nalibali.org by 31 October 2013 and stand a chance of winning one of five pairs of movie tickets. R1,00 per SMS.

Phumelela uhambo oluya ezimuvini!

Ukubhiyozela ukuboniswa kuka*Khumba* ngesiNgesi nange-Afrikaans, oboniswa nge-3D esinema ngomhla wama-25 kweyeDwarha kowama-2013, siphisa ngamatikiti okungena! Thumela ngeSMS igama lakho kunye negama lemuvu ku-32545 okanye uthumele nge-imeyili ezo nkukacha ku-letters@nalibali.org phambi komhla wama-31 kweyeDwarha kowama-2013, ukuze ube sethubeni lokuphumelela esinye isibini samatikiti kwizibini ezihlanu zamatikiti okungena kwimuvu. ISMS nganye ixabiso i-R1,00.

Collect the Nal'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

About Neo

Age: 8


Family members: Mbali is his sister; Afrika is his cousin

Friends: Josh, Bella

Favourite colour: red

Favourite sport: soccer

Likes stories about: adventures and pirates



Neo

Here's an idea...

Cut out and colour in the picture of Neo and then paste it on a large sheet of paper. Then do one or more of the following things.

- Write in the name of the book Neo is reading and draw a picture on the front cover.
- Complete the picture to show where Neo is sitting and reading!

Or, keep the picture in a safe place and when you have collected all the Nal'ibali characters, use them to create your own Nal'ibali poster!

Qokelela abalinganiswa beNal'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa obathandayo beNal'ibali, uze ubasebenzisele ukwenza eyakho imifanekiso, iipowusta, amabali okanye nantoni na onokucinga ngayo!

Okumalunga noNeo

Ubudala: iminyaka isi-8

Amalungu osapho: uMbali ngudade wabo; uAfrika ngumzala wakhe

Abahlobo: uJosh, noBella

Owona mbala awuthandayo: ubomvu

Owona mdlalo awuthandayo: ibhola ekhatywayo

Uthanda amabali: abalisa ngamadlakufa kunye nabaphangi baselwandle

Nantsi ingcingane...

Sika uze ufake umbala kumfanekiso kaNeo, ze emva koko uwuncamathisele kuxwebhu lwephepha elikhulu. Emva koko ke yenza ibenye nangaphezulu kwezi zinto zilandelayo:

- Bhala igama lencwadi efundwa nguNeo uze uzobe umfanekiso kwiqweqwe elingaphambili.
- Gqibezela umfanekiso ukubonisa apho uNeo ahleli khona xa efunda!

Okanye, wugcine umfanekiso endaweni ekhuselekileyo ukuze uthi xa ubafumene bonke abalinganiswa beNal'ibali, usebenzise imifanekiso leyo ukuzenzela eyakho ipowusta yeNal'ibali!

Story corner

Here is the first part of a story for you to enjoy. It is about a boy, Vusi, his younger sister, Sinazo, and their pets.

Vusi and Sinazo (Part 1)

by Helen Brain

Vusi loved his dog, Domino. Domino was white with three black spots on his back. Vusi's little sister, Sinazo, loved her cat, Fluffy. Fluffy was black with three white spots on her tummy.

"My dog is better than your cat," said Vusi one Sunday morning as the children were having breakfast. "Domino doesn't scratch me, or drink my milk and he never walks on my schoolbooks with muddy paws."

"Domino is very naughty," said Granny. "When you tell him to sit, he jumps around. When you tell him to jump, he sits down, and when you sit down, he jumps up and licks your face!"

"My cat is better than your dog," said Sinazo. "Fluffy does not lick my face nor steal my ice cream. Fluffy doesn't make a mess in the yard and she never barks."

"No need to fight," Granny told Vusi and Sinazo. "Now finish your breakfast and put Domino and Fluffy in the yard. Then wash your face, brush your teeth, comb your hair and put on your clothes for church."

Vusi took Domino into the yard. "Stay here," he said. Vusi ran back inside, but he forgot to shut the kitchen door. Domino followed him right back inside and quickly hid under Vusi's bed.

Sinazo took Fluffy into the yard. "Stay here," she said. Sinazo ran back inside, but she forgot to shut the bedroom window. Fluffy went right back inside. She jumped on top of the wardrobe and went to sleep.

The children washed their faces, brushed their teeth and combed their hair. Then they went into their bedroom to get dressed.

Sinazo was trying to reach her dress in the wardrobe. "Woof, woof, this is fun," barked Domino. He jumped up and licked Sinazo with his long red tongue.

"Go away, Domino!" she shouted.

Fluffy woke up. She looked over the edge of the wardrobe and saw Domino jumping on Sinazo. "Ssssss!" she hissed. "Get off her, or I will scratch you."

Just then Granny came marching down the passage. She was wearing her best dress, her smart shoes and her favourite hat. "What is going on in here?" she asked sternly, opening the door. "It is almost time to leave."

Do you think Granny is angry? What will happen next? Find out next week what surprising things happen while Granny, Vusi and Sinazo are at church.



Illustration by Jiggs Snaddon-Wood
Umfanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

Ikona yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali oya kulonwabela. Limalunga nenkwenkwe egama linguVusi kunye nodade wabo, uSinazo kunye nezilo-qabane zabo.

UVusi noSinazo (Inxalenye 1)

ibhalwe nguHelen Brain

UVusi wayeyithanda kakhuluinja yakhe egama linguDomino. UDomino wayemhlophe enamabala amathathu amnyama emqolo. Udade boVusi omncinane uSinazo, yena wayethanda ikati yakhe, uFluffy. UFluffy wayemnyama enamabala amathathu amhlophe esiswini sakhe.

"Inja yam ingcono kunekati yakho," watsho uVusi ngenye intsasa yangeCawe xa aba bantwana babesidla isidlo sakusasa. "UDomino akandikrwempi okanye asele ubisi lwam kwaye akazange anyathele iincwadi zam zesikolo ngeenyawo ezinodaka."

"UDomino akeva," watsho uMakhulu. "Xa umxelela ukuba ahlale phantsi, usuka atsibatsibe, ejikeleza yonke indawo. Xa usithi makatsibe, usuka ahlale phantsi, uze xa uhlala phantsi, akutsibe akukhothe ebusweni!"

"Ikati yam ingcono kunenja yakho," utshilo uSinazo. "UFluffy akandikhothe ebusweni okanye abe i-ayiskhrim yam. UFluffy akangcolisi eyadini kwaye akakhonkothi."

"Akukho mfuneko yokulwa," uMakhulu utshilo kuVusi nakuSinazo. "Gqibani isidlo senu sakusasa ngoku nize ningenise uDomino noFluffy eyadini. Emva koko nihlambe ubuso, nixukuxe, nikame iinwele zenu, nize nixibe impahla zenu zecawe."

UVusi wathatha uDomino wamngenisela eyadini. "Hlala apha," utshilo. UVusi wabaleka wangena ngaphakathi endlwini, kodwa walibala ukuvala ucango lwasekhitshini. UDomino wamlandela wangena endlwini waza wazimela phantsi kwebhedhi kaVusi.

USinazo wathatha uFluffy wamngenisela eyadini. "Hlala apha," utshilo. USinazo wabaleka wangena ngaphakathi endlwini, kodwa walibala ukuvala

ifestile yegumbi lakhe lokulala. UFluffy wabuyela ngaphakathi. Watsiba, wakhwela phezu kwekhabhathi yempahla, waza walala.

Abantwana bahlamba ubuso, baxukuxa, bakama neenwele zabo. Emva koko baya kwigumbi labo lokulala baya kunxiba.

USinazo wayezama ukothula ilokhwe yakhe ekhabathini yempahla. "Hawu, hawu, akusemmandi," kukhonkothi uDomino. Watsiba, wakhotha uSinazo ngolo lwimi lwakhe lude lubomvu.

"Phuma, Domino!" wamngxolisa.

UFluffy wavuka. Wakroba kwincam yekhabhathi waza wabona uDomino etsibela uSinazo. "Ssssss!" wafutha. "Suka kuye, okanye ndiza kukukrwempa."

Kanye ngaloo mzuzu uMakhulu wangena esihla ngepaseji. Wayenxibe eyona lokhwe yakhe intle, izihlangu ezihle kunye nowona mnqwazi wakhe awuthandayo. "Kuqhubeka ntoni apha?" wabuza ngqongqo, xa avula umnyango. "Kulixesha lokuba sihambe ngoku."

Ucinga ukuba uMakhulu unomsindo? Ingaba kuza kwenzeka ntoni elandelayo? Fumanisa kwiveki ezayo ukuba kwenzeka wuphi na umnqa lo gama uMakhulu, uVusi noSinazo besecaweni.

In your next Nal'ibali supplement:

- How to choose books
- Story Stars: The art of giving
- Collect the Nal'ibali characters: Bella
- A mini-book, *Just right!*
- The final part of the story, *Vusi and Sinazo*

Running out of story ideas? Explore our "Reading and Storytelling tips" section at www.nalibali.org or www.nalibali.mobi for articles and ideas to encourage a love of reading in your child, and to help keep them hooked!



Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Kuhlelo lwakho lweNal'ibali olulandelayo:

- Indlela yokukhetha iincwadi
- Iimbilasane zamabali: Isiphiwo sokupha
- Qokelela abalinganiswa beNal'ibali: uBella
- Incwadana encinane esihloko sithi, *Lindilingana nca!*
- Inxalenye yokugqibela yebali elisihloko sithi, *UVusi noSinazo*

Ingaba uphelelwe ngamacebo ngokuphathelele kumabali? Khangela kwicandelo lethu elibizwa ngokuba yi-"Reading and Storytelling tips" ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ukuze ufumane amanqaku kunye neengcebiso ezikhuthaza uthando lokufunda emntwaneni wakho kwaye zikwabanceda ukuba banamathele ekufundeni!

